ISIFUNDO SESIKOLO SESABATHA SABANTU ABADALA

3 INCWADI YEZENZO



Seventh-day Adventist® Church

Okuqulathiweyo

1	Niya Kuba Ngamangqina Am—*Juni 30-Julayi 6*	6
2	IPentekoste—*Julayi 7–13*	14
3	Ubomi Kwibandla Lokuqala—*Julayi 14–20*	22
4	Iinkokeli Zebandla Lokuqala—*Julayi 21–27*	30
5	Ukuguquka KukaPawulos—*Julayi 28–Agasti 3*	38
6	Ulungiselelo LukaPetros—*Agasti 4–10*	46
7	Uhambo Lokuqala Lovangelo LukaPawulos—*Agasti 11–17*	56
8	IQumrhu LaseYerusalem—*Agasti 18–24*	64
9	Uhambo Lwesibini Lovangelo LukaPawulos—*Agasti 25–31*	72
10	Uhambo Lwesithathu Lovangelo LukaPawulos—*Septemba 1–7*	80
11	Ukubanjwa eYerusalem—*Septemba 8–14*	88
12	Ukuvalelwa EKesareya—*Septemba 15–21*	96
13	Uhambo Olusinga ERoma—*Septemba 22–28*	104

Iofisi Yabahleli
12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

Sityelele Kwi-Web site:
http://www.absg.adventist.org

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:
Wilson Paroschi

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Sharon Thomas-Crews

Umanejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press:
Wendy Marcum

Umzobi Nocwangciso:
Lars Justinen

Oguqulele EsiXhoseni
Mpumelelo I. Buwa

© 2018 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iiofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne'logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference. Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokhelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze ngolo hlobo isifundo singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

ULoyiso Lweendaba Ezilungileyo

Ababhali abaninzi bembali bakholelwa ukuba eyona minyaka ibaluleke kakhulu kwimbali yehlabathi yenzeka xa iqela elincinane labantu, inkoliso ingabaYuda phantsi kokukhokelwa nguMoya Oyingcwele, lasa iindaba ezilungileyo ehlabathini. Incwadi yeZenzo iyingxelo yala mashumi mathathu abalulekileyo, awathabathela ekuvukeni kukaYesu ngowe-A.D. 31 ukuya ekupheleni kokuvalelwa kokuqala kukaPawulos entolongweni eRooma, ngowe-A.D. 62 (IZenzo 28:30).

Incwadi yona inokuba yabhalwa kungekudala emva koko, kuba iliyeka kuloo ndawo ibali, nangona bukho ubungqina bokuba uPawulos wakhululwa koko kuvalelwa nokuba waphinda wawuqala umsebenzi wakhe wokuvangela, eshumayela ejikeleza wada wabanjwa kwiminyaka embalwa kamva waza wabulawa eRoma ngowe-A.D. 67. Incwadi ayithethi nto ngombhali wayo, kodwa isithethe sebandla sihleli simbona inguLuka, “intandane kagqirha” ngokwamaKolose 4:14 neqabane kuhambo lukaPawulos 2 Tim. 4:11, Filemon 24). ULuka, ngokwesithethe, ukwakholelwa ukuba ungumbhali weVangeli yethu yesithathu, ngaphandle kwamathandabuzo, “[eyi]ncwadi yokuqala” ekhankanywe kwiZenzo 1:1 (thelekisa noLuka 1:3). Zombini, incwadi kaLuka neZenzo zingamawele yemiqulu yasekuqalekeni kobuKristu, ngokulandelelana, zinika imvelaphi yabo (kubomi nomsebenzi kaYesu) nokukhula kwabo (kwimizamo yovangelo lwabapostile).

Zihlangene zombini zenza kangangama-27 eepesenti womqulu weTestamente eNtsha,

elona galelo likhulu lilelombhali omnye. Ebhalela abaseKolose, uPawulos ubhekisa kuLuka njengoyiNtlanga osebenza naye, owayengenguye "owolwaluko" Kol. 4:7–14). ULuka, ke ngoko, kuphela kombhali wencwadi yeTestamente eNtsha ongenguye umYuda.

Kubonakala oku kunika inkcazo ngeyona mixholo ephambili ekubhaleni kwakhe: usindiso lwezwe lonke. UThixo akanabantu abathanda ngaphezu kwabanye. Ibandla libizelwe ukuba lingqine kubo bonke abantu, nokuba luluphi uhlanga, udidi lwasekuhlaleni, okanye isini (IZenzo 1:8; 2:21, 39, 40; 3:25; 10:28, 34, 35). Ukusilela ukwenza oku, nokuba kungentiywano okanye ukufikelela, kukuyigqwetha ivangeli nokuchasana nezona nyaniso zisisiseko zeLizwi likaThixo. Ngoko ke, phambi kukaThixo, siyafana: aboni abadinga usindiso olufunyanwa kuphela kuKristu Yesu. Asiyoyo ingozi, ke ngoko, ukuba intshatsheli kaLuka ibe nguPawulos, "umpostile weeNtlanga" (Roma 11:13), ekunikelwe kuye phantse isahlulo sesithathu sencwadi yeZenzo.

Eminye imixholo ebalulekileyo efumaneka kwiZenzo iquka: Ubungangamsha bukaThixo nenjongo yaKhe engcwele (IZenzo 17:24, 25; 20:27; 23:11); ukuphakanyiswa kukaYesu njengeNkosi noMsindisi (IZenzo 2:32, 36; 3:13, 15; 4:10–12; 5:30, 31); kunye nenxaxheba eyodwa edlalwa nguMoya Oyingcwele ekunikeni amandla nasekukhokeleni ibandla kumsebenzi eliwuthunyiweyo (IZenzo 2:1–4; 4:24–31; 8:14–17, 29, 39; 10:19, 20). Eliyinyaniso lelokuba, impumelelo yebandla lokuqala yayingezizo iziphumo zobulumko okanye izakhono, nangona kwamkholisa uThixo ukusebenzisa umntu ofana noPawulos ukuba abe negalelo ehlabathini ngendlela ekwakungekho omnye umpostile awenza ngayo(1 Kor. 15:10). Incwadi yeZenzo iphethe umsebenzi wexesha lokwakhiwa kwebandla lokuqala, ekwakukho kulo umthwalo owawujongene nokulawula kunye nokukhula ekwazini ngoThixo. Kuyabonakala oko, umzekelo, kwindlela ibandla elaphatha ngayo imiba engexesha lokubuya kwesibini kukaYesu, umba wendawo yeeNtlanga, nendawo yokholo ekusindisweni. Umsebenzi owenziwa libandla lokuqala ngexesha elifutshane, phofu, ububungqina obungapheliyo bento anokuyenza uThixo ngabo bazithobayo iintliziyo zabo ekuthandazeni, baphile ngaphaya kokungafani, baziyekele ekusetyenzisweni nguMoya ukuze kunike imbeko nozuko kuThixo. Njengokuba IZenzo ilibali labo babizwa nguThixo ukuba baqale umsebenzi; yintoni esinokuyifunda thina kwibali labo, njengoko sibiziwe ukuba siwugqibe umsebenzi?

UWilson Paroschi uyiprofesa yokuchazwa kweTestamente eNtsha kwiBrazil Adventist University (UNASP), e-Engenheiro Coelho, São Paulo. Unesidanga iPhD kwiTestamente eNtsha asizuze eAndrews University (2004) waza wenza ezifundo ezilandela ezo kwiUniversity of Heidelberg, Germany (2011).